



# INkomfa ye-HELTASA: 6 - 10 Disemba 2021

Ingqiqo yeNkomfa kunye nesimemezo  
sokufakwa kwezicelo

**Umxholo weNkomfa:** Sivela phi? Siphi? Siya phi? – Ukujuba, ukusabela ikhwelo nokuphathelele notshintsho olwenzeka kumaZiko eMfundo ePhakamileyo

**Umxholwana:** Ukubumba: amava ngokugqithileyo; okwenzeka kule mihla kunye nokunokuthi kwenzeke

**HELTASA**

## Sivela phi?

Ukungabinabulungisa nokungalingani ngokwendlela ebekufundiswa ngayo kumaZiko eMfundo ePhakamileyo nokwakubekwe njengemithetho yengcinezelo kuyaqhubeka kusenzeka emva kuka-1994, kuRhulumente wedemokhrasi eMzantsi Afrika. Uqhankqalazo

lwabafundi luka #FeesMustFall kunye nemingeni engenakufaniswa nanto yesifo se-Covid 19 ziyaqhubeka zisenza kubonakale ukubaluleka kokusoloko kuqukwa kwaye bemelwa nabo banamazwi ohlukileyo kwimfundo ephakamileyo.

## Siphi?

Okujongenwe nako ngoku kukuba iindlela ezikhoyo nezisetyenziswayo kumaziko emfundo ephakamileyo awaquki bonke abantu. Njengombutho omele imfundo ephakamileyo, kubalulekile senze okubonakalisa ukomelela kwethu; kunye namandla esinawo ukufezekisa okumele sikwenze kwiimeko zokufunda nokufundisa ezisokolo zitshintsha. Kula maziko neendawozemfundo kumele sikwazi ukumelana notshintsho olwenzekayo, ukuze sisabele

ikhwelo kwizidingo zabafundi bethu kunye nezamakholwane ethu eziya kuthi ziphuhlise indlela yabo yokusebenza. Oku kungathi kwenzeke ngendlela apho ekhawulelana nezidingo zabo; enentsebenziswano kwaye equka wonke umntu. Le micimbi imemelela ukuba sonke sijonge butsha iindlela zokufundisa ezinesakhono zokuzisa utshintsho kunye nobulungisa neziza kuthi zikwazi ukukhawulelana neemingeni ekhoyo nenokuthi ibe khona kwumaziko emfundo.

## Siya phi?

Indlela esiza kuthi sisabele ikhwelo; sijube kwaye sigxale kokwenzekayo kumaZiko eMfundo ePhakamileyo, iHELTASA izamkele iimpendula ezivela kubathathi-nxaxheba enkomfa, ezigxininisa iindawo apho zingakwazi ukwenzeka khona iingxoxo ezingophando, izinto ezibalulekileyo nemingeni egxalathileyo nengqamane nomsebenzi omkhulu owenziwa kumaziko emfundo ephakamileyo. Kungoko ke, ekucingeni nasekujongeni butsha indlela eqhelekileyo iinkomfa ebezidla ngokubanjwa ngayo iHELTASA sokwenza izinto ngendlela eyahlukileyo: apho abathathi-nxaxheba baza kuthi banikwe ithuba baqhube ngokwabo

iingxoxo nangona besenza umsebenzi weziko lemfundo. Le ndlela yahlukileyo iquka indlela indlela eqhelekileyo yokuqhuba inkomfa kunye nezinye ezintsha. Ezi Ndlela zijolise ekubeni zivule amathuba wokwabelana, kujongisiswe, kuzanywe iindlela ezintshaneziza kuphuhlisa ukufunda nokufundisa. Oku kungathi kwenzeke ngokusebenzisana kwabantu abakumaziko emfundo ephakamileyo nangokwabelana ngolwazi nophando. Konke oku kuthi kuvule amathuba amaninzi okuphuhlisa abantu nokusebenzisana ngokwamaqela, iindlela ezithile zokusebenza ngamaxesha athile kwaye kugxigxinisa ekubeni wonke ubani athathe inxaxheba.

# ISIMEMO SOKUFAKWA KWEZICELO

(Ingadluli kumagama angama- 500)

Simema abathathi-nxaxheba beNkomfa bazibandakanye nathi ekubeni ngabantu abaza kuthatha iphulo lokudlala indima yokwenza utshintsho ekufundeni nasekufundiseni kumaziko, elizweni nasemaphandleni. Ngakumbi kula maxesha anamagingxigixi. Sikhuthaza abantu bafake izingxoxo eziza kuhlola imixholo yeNkomfa: "Sivela phi? Sipi? Siya phi? - Ukujuba, ukusabela ikhwelo nokuphathelele notshintsho olwenzeka kumaZiko eMfundo ePhakamileyo" kwenye yezi zihloko zolwazi zilandelayo:

Iindlela abafundi abafunda ngazo

Ukufundiswa nokuphuhliswa kwabasebenzi

Ukuphuhliswa kwekharikyulam

Ukuphuhliswa kwendlela yokufundisa

Kunye ne-decoloniality

Xa kulandelwa le intsha kwaye yahlukileyo yokuqhuba inkomfa, sikhuthaza abathathi-nxaxheba ukuba baqalise ngokwabo iingxoxo ezidibanisele neengqiqo malunga nokwenzeka kumaziko emfundo. Izicelo eziya kuthi zifakwe kumele zibe nemibuzo ebalulekileyo emibini ubuncinane evezwa ngumxholo wesicelo sakho kwaye neza kuqhuba iingxoxo. Le ndlela yeHELTASA yokuqhuba inkomfa inika abantu amathuba okwabelana ngezimvo zabo kwaye bakwazi ukuxoxa ngaso nesipi na isihloko kwezi zingentla kwaye kulandelwe enye yezi ndlela zingezantsi:

**1. Iphepha elithethwayo (imizuzu elishumi):** Uphando osele lugqityiwe okanye olusaqhubayo nolibonakalisa imo ejongisisiweyo neqingqiweyo. Izicelo eziyeleleneyo ezivela kubathathi-nxaxheba ziya kuthi zidityaniswe emva

kokuba benikeze ingxelo, ze kubekho ingxoxo enye kwabo bebenikeza ingxelo kunye nabantu abaza kube bemamele. Wonke ubani ulindeleke ukuba athathe inxaxheba kule ngxoxo ngokubuza imibuzo nangokwabelana ngezimvo zabo kwisihloko esiza kube sihlalutywa sentetho yabo, ze abanye bantu bafumane ithuba lokufaka isandla kwezi ngxoxo.

**2. Ukuboniswa ngee-poster:** Apha kulapho abaniki-ntetho abafuna ithuba lokubamba iingxoxo eziyincoko nabantu abanomdla. Abaniki-ntetho baya kuthi babelane ngezimvo nabanye abantu besebenzisa okubhaliweyo kunye nemifanekiso. Ezi seshoni zithi zivumele abantu babelane ngezimvo ezityebileyo kwaye bakwazi nokufumana amathuba okunxulumana. Abathathi-nxaxheba bangathi basebenzise

nayiphi na i-software efana [no-Padlet](#) yokwenza ii-poster babonise umsebenzi wabo. [U-Padlet unika abantu amathuba okuthi bakwazi ukuba neengxoxo ezibalulekileyo ngokuthi kuvezwe izimvo, imibuzo kunye neempendulo.](#)

- 3. Iingxoxo-mpikiswano (imizuzu eli-45):** Ezi zingathi zenzeke apho abantu bethatha inxaxheba kugxeko-ncomo lwengxoxo okanye kuhlaliwe phantsi kuncokolwe. Izicelo eziya kuthi zamkelwe kule seshoni ziya kuthi kwabelwanwe ngazo namalungu kwiwebhusayithi yeHELTASA ngaphambi kweNkomfa. Oku kuya kuthi kuncede ukuqala iingxoxo eziza kuthi ziqhubeke xa sele iNkomfa iqalile.
- 4. Indlela yengxoxo evuleleke nakubani na (imizuzu eli-90):** eNngxoxo ingathi yenziwe apho abantu bahlala bancokole besabelana ngolwazi, abantu kumaqela amancinci bangathi babelane ngeencoko ngeendlela

ezingenamatiletile. Imibuzo nemixholo iya kuthi ivele xa inkomfa iqhuba lbe isuka kubathathi-nxaxheba okanye ivele kwizinto ekuza kube kuxoxwa ngazo.

- 5. AUkuboniswa kobugcisa (imizuzu eli-15 equka imibuzo nezimvo):** Eli igalelo lobugcisa ingayimibongo, iingoma, imidaniso kunye nemiboniso.

#### **Imihla ebalulekileyo:**

- **INkomfa yeHELTASA:** 6-10 kaDisemba 2021
- **Ukufakwa kwezicelo kuvulwa nge:** 27 kaJulayi 2021
- **Umhla wokuvalwa kokufakwa kwezicelo:** 30 kaAgasti 2021
- **Ulwaziso lolwamkelo lwezicelo:** 15 kaSeptemba 2021
- **Imihla yobhaliso:** 31 kaJulayi ukuya 30 kaOktobha 2021

#### **Izicelo ezifakwayo kumele ziquke:**

- Itayitile
- Isihloko solwazi (1) lindlela abafundi abafunda ngazo (2) Ukufundiswa nokuphuhliswa kwabasebenzi (3) Ukuphuhliswa kwekharikyulam (4) Ukuphuhliswa kwendlela yokufundisa (5) I-decoloniality
- **Isimo sesicelo:** Iphepha lomlomo, i-poster, Ingxoxo-mpikiswano, Ingxoxo evuleleke nakubani na, Ukuboniswa kobugcisa
- **Isicelo** (Singabikho ngaphezu kwamagama angama-500 kuquka nemibuzo)

Ukuba udinga iinkukacha ezithe vetshe ungaqhagamshelana no**Nomfundo**  
**Siqwede:** [info@heltasa.org.za](mailto:info@heltasa.org.za)

**Faka izicelo apha**

**HELTASA**